



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2017**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2**

**AMANQAKU:** 80

**IXESHA:** 2½ iiyure

---

Olu viwo lunamaphepha angama-28.

---

**IMIYALELO NENGACISO**

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Sebenzisa itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:

ICANDELO A:	iSihobe	(30)
ICANDELO B:	iNoveli/Uncwadi Lwemveli	(25)
ICANDELO C:	iDrama	(25)
4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke, emiTHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngolu hlobo:

ICANDELO A: ISIHOBE  
IMIBONGO EFUNDISWE EKLASINI-Phendula imibuzo emiBINI  
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO  
ICANDELO B: INOVELI/Uncwadi Lwemveli  
Phendula umbuzo OMNYE.  
ICANDELO C: IDRAMA  
Phendula umbuzo OMNYE.
5. UKUKHETHWA KWEEMPENDULO NGOKWAMACANDELO B  
(INOVELI/Uncwadi Lwemveli NO C (IDRAMA))
  - Phendula KUPHELA imibuzo esetwe kwinoveli okanye idrama.
  - Phendula UMBUZO OSISINCOKO OMNYE kunye NOMBUZO OMFUTSHANE. Ukuba uphendula umbuzo osisincoko KWICANDELO B, uya kuperhendula umbuzo omfutshane KWICANDELO C. Ukuba uphendula umbuzo omfutshane KWICANDELO B, uya kuperhendula umbuzo osisincoko KWICANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti yokuncedisa.

## 6. UBUDE BEEMPENDULO

- Impendulo yombuzo osisincoko wesincoko sesiHobe mayibe phakathi kwamagama ali-190–240.
- Impendulo zombuzo osisincoko kwicandelo leNoveli neleDrama mazibe phakathi kwamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo kwimibuzo emifutshane buya kulawulwa ngamanqaku. Abaviwa mabasebenzele ukuba iimpendulo zingqale zibe semxholweni.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwecandelo ngalinye ngononophelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Lingcebiso malunga nokulawula ixesha:

ICANDELO A: malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## IPHEPHA YESIQULATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

### ICANDELO A: ISIHOBE

Imibongo efundisiwego: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>UMfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke</i>	Umbuzo omde	10	6
<b>OKANYE</b>				
2.	<i>Uno zakuzaku</i>	Umbuzo omfutshane	10	7
<b>OKANYE</b>				
3.	<i>Intliziyo yam</i>	Umbuzo omfutshane	10	8
<b>OKANYE</b>				
4.	<i>Inyibiba</i>	Umbuzo omfutshane	10	9
<b>KUNYE</b>				
<b>Umbongo ongafundiswanga. Unyanzelekile ukuba uwuphendule.</b>				
5.	<i>Emangcwabeni</i>	Umbuzo omfutshane	10	10

### ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo omNYE

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	11
<b>OKANYE</b>				
7.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	12
<b>OKANYE</b>				
8.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	14
<b>OKANYE</b>				
9.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	14
<b>OKANYE</b>				
10.	<i>Inkaw' idliwa ilila</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	16
<b>OKANYE</b>				
11.	<i>Inkaw' idliwa ilila</i>	Umbuzo omfutshane	25	16

12.	<i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	19
<b>OKANYE</b>				
13.	<i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo omfutshane	25	19

**ICANDELO C: IDRAMA****Phendula umbuzo omNYE.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
14.	<i>Buzani kubawo</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	22
<b>OKANYE</b>				
15.	<i>Buzani kubawo</i>	Umbuzo omfutshane	25	23
<b>OKANYE</b>				
16.	<i>Indlal' inamanyala</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	25
17.	<i>Indlal' inamanyala</i>	Umbuzo omfutshane	25	25

**QAPHELA:** kumaCANDELO B no C, phendula umbuzo o**SISINCOKO SONCWADI** omNYE kunye nombuzo om**FUTSHANE** omNYE.

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba ujongsise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendalela eyiyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A	Isihobe (Imibongo emiselweyo)	1–4	2	
	Isihobe (Umbongo ongamiselwanga)	5	1	
B	Inoveli/Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	6–13	1	
C	Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	14–17	1	

## **ICANDELO A: ISIHOBE**

### **IMIHOBE YESIXHOSA- B Ngombane**

#### **IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezifundisiwego nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiwego; kunye nombuzo omNYE ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

#### **IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

#### **UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula lo mbuzo ulandelayo.

Cazulula isigama esisetyenziswe yimbongi ukutyhila intsingiselo yalo mbongo. [10]

#### **UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE- SEK MQHAYI**

*“Ndesuka ndingunina kwaSirayeli” (GWEBI 5:7)*

1. Shukumanि bafazi,
2. Ushenxil’ uMamarhixirhixi;
3. Ufinyis’ amagruxu;
4. Ushenxil’ okad’ esakh’ umzi;
5. Egutul’ iirhangna namanxila;
6. Egodus’ amahilihil’ agoduke;
7. Kubuy’ amadungudwan’ emazweni;
8. Itye lesiseko seTiyopiya!
9. Shukumanि bafazi!
  
10. Igqibil’ intombi’ asemzini,
11. Igqibil’ intomb’ aseLusuthu;
12. Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni;
13. Ukhe wabek’ iinyawo kwelabaTswana;
14. Kusapho lukaKhama nolwabaRolweni;
15. Wabek’ amabele kubaThemba;
16. Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
17. ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda isicatshulwa sombongo esingeantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### UNOZAKUZAKU- ZS QANGULE

- 1 Indod' encazwa ngabakhulu kwanabanci,
- 2 Kufunek' ingalandulanga kodwa yenz' ezo nto
- 3 Imaz' esengetkayo nok' isisaqhaga,
- 4 Kaloku yindlezan' ayinakoma kuthi tu.
  
- 5 Inyew'idinyazw'ilungiswe nguye,
- 6 Ngumnt' ontloni ke wasebulawini.
- 7 Intomb' iyazimel' unin' ambathe,
- 8 Ngumdibanisi wamakhay' amabini ngobulawu.
  
- 9 Nanko k' esiz' ehamb' **exhakazela**,
- 10 Abafazi bemhewula, zimkhonkoth' izinja.
- 11 Iinkomo ziphi, luphi na lon' uswazi?
- 12 Azi waze njani na? Isazi-mzi k' eso.
  
- 13 Imbeko nemibuz' emlindeleyo kwelo khaya.
- 14 Kodwa ke yinkabi yamalang' ekad' inetha.
- 15 Indlel' ayaziwa mntu kodw' umhambi wayo,
- 16 Kuthenjwe yena ngasemv' ujongiwe ngaphambili.
  
- 17 Ilnyawo zakhe ziluvil' uthuli lwendlela,
- 18 Nentloko yakh' ulophu lwasehlotyeni.
- 19 Izithuko zakhe ziviwe ngamathafa, nemimango,
- 20 Ngasemva kweenkomo eziya kulobola.
  
- 21 Lo mf' akamntwana kodw' akaxhego,
- 22 Izicithi ziwubonile umtsi wakh' edlula.
- 23 Lithemb' elingafuni kudanisa mntu,
- 24 Isiqalo ndawonye nesiphelo sendaba nguye.

- 2.1 Caphula umqolo kwisitanza soku-1 othetha ukuba unozakuzaku uyafikeleleka kuluntu lonke. (1)
  - 2.2 Lizoba mfanekiso-ngqondweni mni igama elibhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (3)
  - 2.3 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
  - 2.4 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
  - 2.5 Nika imfundiso edluliswa ngulo mbongo ngonozakuzaku. (2)
- [10]

### OKANYE

### UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda isicatshulwa sombongo esingeantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

#### INTLIZIYO YAM- C NQAKULA

- 1 Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
- 2 Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo.
- 3 Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
- 4 Umkhonto ololwe **walubengu**, awubinzi
- 5 Udale amanxeba afana nawale ntliziyo.
- 6 Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
- 7 Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo-
- 8 Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.
  
- 9 Intliziyo yam lusindiso lwam;
- 10 Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
- 11 Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
- 12 Kanti nakwezingendawo iyandisa.
  
- 13 Mandiyithini ke le ntliziyo,
- 14 Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

- 3.1 Caphula umqolo kwisitanza soku-1 othetha ukuba intliziyo ikhatha ixathula kumniniyo. (1)
  - 3.2 Lizoba mfanekiso-ngqondweni mni igama elibhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (3)
  - 3.3 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
  - 3.4 Unjani umoya wembongi ngokwemiqolo emibini yokugqibela? Xhasa impendulo yakho. (2)
  - 3.5 Nika imfundiso edluliswa yimbongi kulo mbongo ngentliziyo. (2)
- [10]**

#### OKANYE

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo

### INYIBIBA- JJR JOLOBE

- 1 Ndayibona izifihla
- 2 Enqaben' ezixhotyeni,
- 3 Ngaphakathi kwamalwalwa
- 4 Amabini, iqaqambile.
- 5 Hayi, obo buhle!
  
- 6 Izityalo ezithile
- 7 Zaye zimi zijkele;
- 8 Yayiphakamisa leyo
- 9 Ntloko yayo **imhlophe –mthubi**,
- 10 Njengetshawekazi.
  
- 11 Yema ithe zole cwaka,
- 12 Leyo ndebe ibukhephu.
- 13 Yayimsulwa kolo hlanga
- 14 Lwayo, im' iyimfezeko,
- 15 Inyibiba entle.
  
- 16 Loo magqabi asixwexwe
- 17 Achokozwe busiliva,
- 18 Aphuphuma kukuphila,
- 19 Ayekratsha ngemveliso
- 20 Yobo bomi bayo.

- 4.1 Chonga umqolo kwisitanza soku-1 othetha ukuba inyibiba yayingafuni ukubonwa. (1)
  - 4.2 Lizoba mfanekiso-ngqondweni mni igama elibhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (3)
  - 4.3 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
  - 4.4 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
  - 4.5 Nika imfundiso edluliswa yimbongi kulo mbongo ngenyibiba. (2)
- [10]

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.

### **UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

#### **EMANGCWABENI-PM QANGULE**

- 1 Yimiqodi ngemiqodi,
- 2 Yimijelo ziinyembezi.
- 3 Usizi lucuntsulelana nentlungu,
- 4 **Intlungu intlantlath'** ubukrakra.
- 5 Imbulbho igqogq' igqogqile ngekrele,
- 6 Ukufa kuxhentsa kusombel' emangcwabeni.
  
- 7 Amangcwaba maninz' ashinyene,
- 8 Yimiqodi imihla nezolo abadala nabancinci.
- 9 Gqwidi ngokunqaba kwendlela esing' emangcwabeni,
- 10 Sidavuza kumadlaka ngamadlak' emadlakeni.
- 11 Sesimana sizixolisa ngamatye uvimba weenkumbulo,
- 12 Yon' indlela phakathi emangcwabeni inqabile.
  
- 13 Inqabel' iliso lenyama ibonwa lelomphefumlo,
- 14 Umphefumlo ukholose ngenkumbulo nentsizi.
- 15 Umzuzu wokugwintwa kweengcinga ngolunya,
- 16 Imizuzu yokudandatheka komphefumlo.
- 17 Amathuba okukham' iinyembezi,
- 18 Kumathaf' ezingqala izijwili nencwina.
  
- 19 Emangcwabeni yimingcwabo ngemingcwabo,
- 20 Yimikrozo ngamabandla ngamabandla
- 21 Zizifundo ngezifundo kumathaf' okufa,
- 22 Ziinkonzo ziinkolo ngeenkolo kwiziko lokufa.
- 23 Ethafeni elishiy' imiphefumlo ibanda,
- 24 Kumazibuko okuphela kobomi.

[Uthatyathwe ku-*Isinqqi senkulungwane*; NguPM Qangule]

- 5.1 Ntsingiselo ni etyhilwa ngumqolo woku-1? (1)
- 5.2 Xela isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili, uze uchaze nomsebenzi waso. (2)
- 5.3 Nika umfanekiso –ngqondweni ozotywa ligama ‘izijwili’. (1)
- 5.4 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi, esiqaqambileyo kwisitanza sesi-4. (1)
- 5.5 Zifana njani izitanza zalo mbongo ngokwesakhiwo? (2)
- 5.6 Nika imfundiso edluliswa ngulo mbongo. (3)

[10]

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

## **ICANDELO B: INOVELI**

### **IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Phendula imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- Kwinoveli nganye kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.
- **QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwicandelo B (kwinoveli okanye kuncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
- Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli okanye kuncwadi lwemveli), KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).
- Ubude beependulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

### **INOVELI**

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### **UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

### **NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA**

Tyhila indlela alilandele ngayo umlinganiswa onguMangaliso igama lakhe kwincwadi ethi Nyana Wam! Nyana Wam!

[25]

### **OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### NYANA WAM! NYANA WAM!: WK Tamsanqa

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

#### ISICATSHULWA A

Kwanyenzeleka ukuba mayikhe imiswe imoto kuzanywe ukuba athuthuzelwe kunzima umntu engavumi kuzola, kwade ekuggibeleni wabonakala esoyisakala elala. Elele njalo wamana ukuhlala ahlale atsho ngesibuhlungu isingqala. Wayesithi akusitsho esi singqala ahlekade ade aqikileke uThemba umve esithi, "Kungani na mphefumlo ukuba uxhalabe ungabi nakuzola?" **Ukuba kukho umntu owayeqaqadekile ebantwini andikhola ukuba ukho owayefana noThemba.**

Lo mntu eqaqadekile nje uyasazi isiBhalo, uthetha kube kabini acaphule kuso. Hayi khona ngaloo mini wayengathi umbona ntoni na nje uThole. Elele njalo wayehlala ahlale amana ukusuka amadlu amwe ngentsini umve esithi, "Unakho na ukuhamba emalahleni uze ungatshi?" Unakho na ukusela utywala mhlobo wam uze unganxili?" Elele enjalo umfo wasemaKwayini kwabakho amaxesha okuba ububone ubuso bakhe buzele uncumo engathi ujunge uThemba uyathetha ngentliziyo uthi, "Ungandivuyeleti lutshaba lwam ndakuwa ndize ndivuke."

Koko kulala waya kuqabuka kusuku lwesibini ekwilokishi angayaziyo awathi akubuza wathi umntu ophendulayo kukwaZakhele eBhayi. Yamkhathaza kakhulu into yokuzibona sel'eseBhayi engaqondanga ejika edolophini eGcuwa engafikanga kokwabo. Ehleli kuloo ndlu wazibona sel'ekuyo eyedwa wavakala ezsola ngesenzo sakhe sokusela utywala, ebuqalekisa utywala. Ecinga njalo wakhumbula amazwi athile ayethethwa kuye enga usephupheni engazi ukuba ayethethwa ngubani na kwelo phupha lakhe ...

- 7.1 Wayesazana njani lo Themba noThole? (1)
- 7.2 Xela ibe mithathu imiba yesimo sentlalo etyhilwa yile tekisi. (3)
- 7.3 "Unakho na ukuhamba emalahleni uze ungatshi?"  
Unakho na ukusela utywala mhlobo wam uze unganxili?
- Uwasebenzisa nganjongo ni umbhali la mazwi kaThemba angentla? (2)
- 7.4 Xela udidi lozobo olusetyenziswe kwintetho ebhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 7.5 Khetha kwizibiyeli igama elichanekileyo.
- Umbhali kwesi sicatshulwa umenza (ixhoba / idini) uThole ngoku kunxila kwakhe ukuze uvakale umyalezo wakhe. (1)
- 7.6 Chaza unozala wayo yonke impixano ekule noveli. (2)

**ISICATSHULWA B**

"Uthi asinguye lo waseWesile uza kuza apha?" wova esitsho ukuphendula obuzwayo.

"Kowu! Ingathi usemncinci nje nithi uya kulunga kule George Goch inzima kangaka?"

Bathi kuba kwakungoLwesihlanu emva kwemini bazibona izimanga zeGeorge Goch: abantu benxila behebhaza ezitalatweni bephuma izinto ngemilomo yabo. Ukuphuma kwabo elokishini haya kubuka isiza secawa yaseWesile esasilapho phambi kwesango lelokishi kugxunyekwe umthi kuso kwabethelelwa amagama amakhulu afundeka ngolu hlobo "Spes Bona". Basibuke basibuka esi siza bathi phambi kokuba basishiye bakha bema phambi kwelo planga benza umthandazo omfutshane. Ngobo busuku phambi kokuba balale batsho ngomthandazo oshushu bethandazela umzi waseGeorge Goch becela kananjalo ukuba uThixo abancedise kumsebenzi ababeza kuqalisa wona.

Ekuseni ngeCawa xa abantu babesangqengqile bermamele imizimba kuba bangaphangeli yavakala isitsho ingoma ingena ngesango lelokishi yaseGeorge Goch ibalasele ngeKhodiyane noxa kwakuvakala ukuba akho la mazwi omlomo angade aphumelele ngokugqunywa yikhodiyane.

7.7 "...Kowu! Ingathi usemncinci nje nithi uya kulunga kule George Goch

La mazwi abantu baseGeorge Goch angentla, atyhila ukuba bambona njengomlinganiswa onjani uThole? (2)

7.8 "... George Goch inzima kangaka

Kutheni bethetha ngolu hlobo abantu baseGeorge Goch ngayo? (3)

7.9 Ngezizathu ezibini xhasa okanye uchase ulovo lokuba uThemba noThole balala ngengubo enye ngemikhwa. (2)

7.10 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo esi siganeko? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.11 Ukufakwa komlinganiswa onguThemba kobu bomi bukaThole kudlulisa myalezo mni kubafundi bale noveli? (2)

7.12 Tyhila isigqebelo esikoku kuba ngumfundisi kukaThole. (2)

[25]

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule**

Tyhila indlela alilandele ngayo umlinganiswa onguMfazwe igama lakhe kwincwadi ethi Ukhozi olumaphiko.

[25]

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UKHOZI OLUMAPHIKO: N SAULE**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

Luthe lwakuvulwa ucango ndanethemba lokubona mntu, kodwa intoni, ndakhawulelwa ngengxowa enuka umchamo, yathiwa gungxu apha entloko ndabe sendityhalwa ngemva ukuya kukhwelisa enqweleni eyayiziswe ngomva apha esiseleni, seyivulwe iimpundu ezi ukundamkela. Ndagityiselwa phezulu, ndabetheka ndaya kuwela ngaphakathi evenini emva kokuba ndikhe ndakhiwa ezimbanjeni tyam ngemvubu latsho lanyela eli cala langasekunene.

5

Yaxhuzula iveni yatsala, ndathi xa ndihlala ngeempundu, yaqhotyoshwa xhikri, ngxi yema, ndathi kuba ndandingabambelelanga ndawo, ndatshibiliha ndaya kubetheka entla. Ukuba yayingeyongxowa endandigungxiswe yona, ngeyayindiqwenge ndaphela injia endaya kuntlaleka kuyo phaya entla. Ndithe ndikhalima ndisithi, suka nja **yabe isitsho intsini yeziya zinja zimbini ngaphambili**, incedisa ukukhonkotha kwenja eyayigqiba ukundingqavula. Ndinyonyobele kude enjeni, ndatshela apha ecaleni lenqwelo yavutha ukuya apho ndingaziyo. Yayisithi ukusuka kwayo, ekubeni ibikhe yemisa, ithi ukuxhuzula injia itshibilike izokubetheka kum lisuke phantsi idabi, indingqavulele ukundibona oku. Yayiba mnandi le nto kookhakhakha kuba babeyihleka de bakhohlele. Ukuba nje kwakunokususwa entloko ingxowa eyayindivale ngevumba lomchamo wenkwenkwe endala kwakungaba ngcono.

10

15

- 9.1 Wawuyintoni umsebenzi kaMfazwe ngeli xesha abanjwayo? (1)
- 9.2 Xela ibe mithathu imiba yesimo sentlalo etyhilwa yile tekisi. (3)
- 9.3 Uwasebenzisa nganjongo ni umbhali amazwi angezantsi.

“ndakhawulelwa ngengxowa enuka umchamo, yathiwa gungxu apha entloko ndabe sendityhalwa ngemva ukuya kukhwelisa enqweleni!” (2)

- 9.4 Xela udidi kuzoba abalinganiswa olusetenyenxiswe kwintetho ebhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 9.5 Khetha kwizibiyeli igama elichanekileyo

Umbhali wencwadi umenza ( ixhoba / idini) lomzabalazo uMfazwe ngoku kubanjwa kwakhe kwangoko ebalini. (1)

- 9.6 Chaza unozala wayo yonke impixano ekule noveli. (2)

**ISICATSHULWA B**

Yahlokoma intsini yaya kuvakala kwisiwana esingaphesheya komlambo, sekumnandi ngoku kookhenkebe, kungenelele nabanye ngezabo izibongo ezingekho mcimbini. Ndazijonga ezi zinto ezi, ndibawela ukukhe ndizijike ndixelise uhili, ndizitywatyushe ngemvubu. Ngelo xesha uNdima akahleki nanye kwezihlekisayo. Utte akunikwa incwadi yakhe, wangena emotweni, akuhlala wamfutshane kwangaleya ndlela, yakuqala, kwahlekwa ngakumbi, vu-um wangena endleleni.

“Indlela le azizibhanxa ngayo. Woze alibale zezinye endaweni yokwenza umsebenzi wavo. Angakubamba njani emaninzi kangakaya? Nezinja xa zininzi kakade ekuzingeleni azize zibambe nto, njengezi sidlula kuzo.” Ndathula cwaka, ndisabambe umoya kukothuka. Saya kugaleleka eNkwankca esitishini nokufika kukaloliwe ovela kuGomo, wathenga itikiti uNdima selethe kum kubalulekile ukuba ndingene kuloliwe ukuphepha amehlo amaninzi. Akuggiba xa sisahlukana wathetha into eyandothusayo.

“Maze ndithini kuCikizwa?” Lo mbuzo kaNdima eneneni asikuko nokuba wandothusa, wandikhamnqisa kakhulu. Xa wayendixeleta ukuba uCikizwa yintombi yenkosи, ndandisiba undilumkisa ngecebo ukuba mandingasondeli kuye. Eneneni ke nam ndingulo mthathephi, ndandisiya kuthini ukuya kuzixhoma entombini yenkosи, hayi kaloku ayenzeki kuthi maXhosa loo nto, umntu omnyama akakwazi ukuzenza iphela emasini.

- 9.7 La mazwi angezantsi atyhila ukuba uNdima uwabona njengabalinganiswa abanjani amapolisa”?

“Woze alibale zezinye endaweni yokwenza umsebenzi wavo.” (2)

- 9.8 “Maze ndithini kuCikizwa?”

Kwakutheni ukuze abuze lo mbuzo uNdima? (3)

- 9.9 Ngezizathu ezibini xhasa/ uchase ulovo lokuba uFriday ulala ngengubo enye namapolisa. (2)

- 9.10 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo esi siganeko? Xhasa impendulo yakho. (2)

- 9.11 Ukufakwa kwalo mlinganiswa unguNdima kudlulisa myalezo mni kubafundi bale noveli? (2)

- 9.12 Tyhila isigqebelo esikoku kuba yijaji kukaMfazwe. (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

**OKANYE**

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### INKAWU IDLIW' ILLILA- S KULA

Tyhila indlela athiywe ngayo umlinganisa ongu Thantasma nendima ayidlalayo  
ebalini ukulandela igama lakhe.

[25]

### OKANYE

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INKAWU IDLIW'ILILA: S. Kula

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

“Le fowuni ixela loo nto?” ubuze ngobungxamo uSajini Nzolo, umfana wasema Ngqosinini.

“Kunjalo kanye.”

“Libaggibile ke abantu abaninzi ela hlathi. Yini ukubhubha komntu omkhulu kangaka! Aza kuwa ke ngoku amashishini akhe. Uyayibona le nto yobu bukrelemnqa bugqibe ilizwe?. Inene madoda, asisoze sibulwe siboyise sisodwa singamapolisa, “ushwabule watsho uNzolo.

5

“Uyayazi ukuba lo mfo bendimbona apha edolphini izolo oku? **Umfo onobubele nothando kumntu wonke.** Inene kunyanisiwe xa kusithiwa kugawulwa owaziwayo,” uphawule njalo yena *uConstable Gqazana*, igqazana lasema Tshaweni.

10

“Ngubani umcuphi olilalela?” ubuzile uNzolo.

Ayingo Mfuneko lo ugqiba ukusifowunela?” wabuza uBhadula.

“Uyive ngabani yena le nto kuba sithi abasemsebenzini?” ubuze ehleka uGqazana.

“Hayi kaloku Khawuta, uMnenga ngumntu naye. Mhlawumbi bezihambela iindlela zakhe waza wabona le ngozi. Khawujonge kwelaa phetshana lihxonyiweyo ukuba ngubani na olilalela kubo kule mpelaveki.” Utte gxada gxada wafika kulo uNzolo akuba etshilo uBhadula.

15

“NguMapheza olilalela kule nyanga.” Utte eggiba ukutsho uNzolo, wabe uBhadula emfowunela emxelela ukuba bayo kudibana endaweni yentlekele.

20

Umfezeko ‘Fezi’ Mapheza wayengomnye woosigaxamabhanti kwicandelo lokucupha kweso sikhululo saseGcuwa.

- 11.1 Yayixela ntoni “le fowuni”? (1)
- 11.2 Xela ibe mithathu imiba yesimo sentlalo etyhilwa yile tekisi ukusuka kumgca woku-1 ukuya kowesi-5. (3)
- 11.3 Uwasebenzise nganjongo ni umbhali amazwi akhuzayo angezantsi?  
“Yini ukubhubha komntu omkhulu kangaka!” (2)
- 11.4 Luluphi uhlolo lokuzoba abalinganiswa olusetyenziswe kwintetho ebhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 11.5 Khetha kwizibiyeli igama elichanekileyo  
Umbhali wencwadi umenza ( ixhoba / idini) lolwaphulo mthetho uMsindisi ngoku kufa kwakhe kwangoko ebalini. (1)
- 11.6 Chaza unozala wayo yonke impixano ekule noveli. (2)

## ISICATSHULWA B

Ndithi uHlumisa ubhubhile. Ubonwe endlini yakhe edutyulwe nomfana athandana naye. Akukaziwa ke ukuba badutyulwe ngubani na kodwa kukrokreleka ukuba bazibulele. Ndiseza kuphanda nam ngaloo nto, “ watsho uMkhokeli owayengabethelwa nayintwana kukusweleka kukaThantaswa.

“Yini umntwan’am ukumlandela kwamsinyane ngolu hlobo umyeni wakhe!” wadubuleka esitsho yena uNobantu.

“Ingcibi yamanzi kaloku ifa ngamanzi, watsho ejonge kunina uMkhokeli. Amcaphukisa la magama yena utata wakhe. “Mkhokeli, usabuyela kulaa nto ndandikunqande kuyo?

Akuthethwa ngolu hlobo ngomntu obhubhileyo! La magama akho ngathi asabonakalisa ukumnuka uHlumisa nangona ababulali bakaMsindisi bethothoza ejele nje.”

“Niya kuyamkela nini, Tata, into yokuba nguHlumisa owabulala uMsindisi? Eziya ntwana zibanjiweyo sezitshilo emapoliseni ukuba zazithengwe nguye neli krexe lakhe afe nalo” watsho ebucaphuka uMkhokeli owayengumfundu wamaphepha ingakumbi kwezo ntsuku. Wasuka watshiswa ngumchamo uMonde, waphuma engangcazela kukuva ezi ndaba zintsha zivelayo ngokusweleka konyana wakhe. Wayesafuna ukumngcambazisa kakuhle uMkhokeli engahlutshwa nalithontsana lomchamo.

Zafika zishushu nasesikhululweni samapolisa ezokuba uMfuneko Mnenga udutyulwe kunye nomfazi kaYangaphi abemkhusela ixesha eli lonke. “UThixo ubopha ekhulula,” watsho uMapheza ejonge phantsi kukothuka emva kokuva loo mphanga ngoBhadula. “Ndikhumbula mhla wasindulula apha uMfuneko esithi uMapheza ubhubhile, kanti kuza kusweleka yena kuqala” watsho naye uGqazana.

- |       |   |     |
|-------|---|-----|
| 11.7  | La mazwi kaMkhokeli athi, “.... nguye neli krexe lakhe afe nalo” atyhila ukuba umbona njengomlinganiswa onjani Thantaswa? | (2) |
| 11.8  | “Ingcibi yamanzi ifa ngamanzi”  |     |
|       | Kwakutheni ukuze uMkhokeli asebenzise la mazwi?   | (3) |
| 11.9  | Ngezizathu ezibini xhasa / uchase uluvo lokuba uThantaswa noMfuneko balala ngengubo enye kwezolwaphulo mthetho.           | (2) |
| 11.10 | Sikweliphi inqanaba lesakhiwo seli bali esi siganeko? Xhasa impendulo yakho.  | (2) |
| 11.11 | Ukufakwa kwalo mlinganiswa unguMapheza kudlulisa myalezo mni kubafundi bale noveli?                                       | (2) |

11.12 Tyhila isigqebelo esikoku kufa kukaMfuneko noThantaswa ngokubulalana. (2)

[25]

## OKANYE

### **UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

#### **UBUNCWANE BONCWADI LWEVELI: MMI SWANA NABANYE**

Bonisa unxulumano phakathi kwamaqhalo neentsomi usebenzisa iqhalo elithi, "Imbila yaswel' umsila ngokuyalezel". [25]

### **UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

#### **UBUNCWANE BONCWADI LWEVELI: MMI SWANA NABANYE**

### **ISICATSHULWA A**

#### **INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iintaka zaye zithandana, zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufile watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusismanga bada bafumana nabantwana. Kwalile ngenye imini, ukhetshe wemka esiya kuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebeshlala mgama. Kule ngingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe.

Sincokole, sancokola, sancokola nesihlobo eso saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke. Lufike ekhaya umninizimzi engekabuyi, abantwana beyimfe kukudinwa, belambile, wada omncinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina. Isikhukukazi sibe ngasikhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. Sibhuqe sabhuqa, sabhuqa sada sancama. Kusenjalo, kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waghawuka, itshoba lalala umbethe ngenxa yendlala. Ut he umntwana esandul' ukufa wagaleleka ukhetshe, akuyibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi wathetha wenjenje:

"Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalonje kuya kuba njalo nakwinzala yethu. Ookhetshe bay a kubaty abantwana beenku kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo. Ut he ukuba ukhetshe atsho wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenku. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikelele ukuphanda, siqhwaya emhlabeni nje, sisakhangela esa sitshixo sikakhetshe ukuze sixolelane naye, kubekho ibuyambo ukuze abantwana babo bangabi saxhwilwa. Phela-phela ngantsomi."

13.1 Nika iimpawu zentsomi ezisisigxina zibeMBINI ezibonakala kule ingentla. (2)

13.2 Xela ibe mibini imiba yesimo sentlalo etyhilwa yile ntsomi. (2)

- 13.3 Isiganeko esinomgca ngaphantsi sikuliphi inqanaba lesakhiwo sentsomi ngokukaD.N.Jafta? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 13.4 Saba yintoni isiphelo sale ntsomi? (1)
- 13.5 Caphula umzekelo wesimbo sombalisi esikukusebenzisa uhlobo lolandelewano. (2)
- 13.6 Khetha injongo echanekileyo yokubaliswa kwale ntsomi kwezi zingezantsi.
- A Kukufundisa abantu ngezithethe namasiko  
B Kukuziyilela inkcazelu ngemvelaphi yezinto zasendalweni  
C Kukufundisa ngembali zesizwe nezamaqhawe namaqhawekazi aso.  
D Kukubonisa igalelo leentsomi kwimvelaphi yezaci namaqhalo. (1)
- 13.7 'Abantwana beyimfe kukudinwa'  
Chaza umsebenzi wesi saci. (2)
- 13.8 Ngokoluvo lwakho ngaba ikho imfuneko yokufundiswa kweentsomi kwibanga okulo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[15]

**ISICATSHULWA B****A! NOLIZWE!**

1. Liwasakazi leenkomo zakuloNyawuza.
2. Incokazi kumathol' eenkunzi zasemaMpondweni.
3. NguMalusi wamathol' esirhorho kwaRharhabe.
4. UMval' ovalel' ezimaphece nezimaxhaka.
5. Imvu ebuso bulubisi, amazwi abubusi.
6. Uyavuy' uNolwandle unomolokazana.
7. A! Nolizwe!
  
8. A! Nolizwe!
9. Umhlabi wakwaRharhab' unamanyala.
10. Ngokwahlul' uNolizwe nomtshato.
11. Ukuz' ashiyek' amaRharhab' engenayise.
12. Isimbonon' esakhuzwa ziintaba zeli lizwe.
13. Kwakhuz' eyeGqirha neyeBhukazana.
14. A! Nolizwe!
  
15. A! Nolizwe!
16. Nguwongama wokugagamel' amaRharhabe.
17. UMaxway' ibhozo namhl' angazukudla nyama.
18. Nolizwe siyalez' amathol' ogaga kuwe,
19. Wakukhumbul' isilwangangubo sakuloMbombo.
20. Uz' ubhalel' dolwen' utampishe ngozwane
21. Usayne ngoxhongo iza kubuy' impendulo.
22. A! Nolizwe!
23. Ncincilili!

- |       |   |     |
|-------|---|-----|
| 13.9  | Nika iimpawu zibembini ezibonisa ukuba sisibongo esi. | (2) |
| 13.10 | Ntsingiselo ni enikwa ngumqolo wesi-5.                | (2) |
| 13.11 | Khetha isikweko kwisitanza soku-1                     | (1) |
| 13.12 | Chaza injongo yembongi kwisitanza sesi-2.             | (2) |
| 13.13 | Umqolo we-17 umzoba njengomntu onjani uNolizwe?       | (2) |
| 13.14 | Xela uphawu Iwentlonipho olusetyenziswe kulo mbongo.  | (1) |
- [25]

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama eziMBINI , ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini osiSINCOKO SONCWADI kunye nombuzo OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE kwidrama uwuphendule.

**QAPHELA: Xa umviwa** ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B

(kwinoveli  
okanye uncwadi lwemveli),KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwicandelo C (kwidrama).  
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI  
kwiCANDELO B (kwinoveli okanye kuNcwadi lweMveli,  
KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane  
kwiCANDELO C (kwidrama).

Ubude bombuzo osisincoko soncwadi buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

#### BUZANI KUBAWO- WK TAMSANQA

Isihloko esithi ‘Buzani kubawo’ sinxulumana njani nomxholo wale drama.

[25]

### OKANYE

## UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

<b>UMAGABA:</b>	Ndifanele Nozipho mntwanam, ndiyamthanda laa mntwana andizenzi, nangoku andazi ukuba abafana aba baya phi na. Ukuba bekukho soka ndizalana nalo bendingeze ndalikhombisa yimbi ingeyiyo ekaMcothana, uThobeka . Ubufanele ubufazi umntwan'alo mntu. Igazi lakhe lo mntwana lihlile. Uthobile ulilandele igama lakhe. Ukhuthele,yonke into ayenzayo uyenza ngomzimba okhaphu-khaphu akathunywa kuyo, ngokwabantwana bale mihra sinayo abafuna ukusoloko bemelwe ngemva xa benza into. Inene mhla wenda, isithuba sakhe soza sibonakale kulaa mzi kaMcothana.
<b>UNOZIPHO:</b>	Uya kuthini na Gaba, ukuthi ukuba ubunesoka ozalana nalo, utsho inguye lo umfana umzele?
<b>UMAGABA:</b>	Kanti nangoku ukuba bekuthetha mna, bekungekho ntombi yimbi ibiya kuthathwa nguGugulethu ngaphandle koThobeka. Koko ke andinakuncenda, abantwana esibazeleyo abasiva, abafuni kwenza nto ithethwa ngabazali, bafuna ukwenza into ephambili kweengqondo zabo. Yaphela laa nto yakudala ebethi umfana abonelwe ngabazali umfazi, eve yena selexelelwu intombi amakayizeke. Ithi ukuba yintombi ive sekusithiwa: 'Ntombi yiya kwazibaningeshe, sikwendisela khona ngemvisiswano yabazali, kungagqitywanga nayo.
<b>UNOZIPHO:</b>	Uwo bawo! Ingathi ndiyabona xa ndinokusiwa entweni, nokuba ineliso elinye, ndingathandi. Uxela nje nawe Gaba usithi, 'laa nto yakudala'. Lelinye ixesha eli sikulo ngoku. Amaxesha ngawokhanyo.

15.1    '...ndiyamthanda ...andizenzi.'

Kwenzeke ntoni ukuze uMaGaba athethe ngolu hlolo? (2)

15.2    '...bekungekho ntombi yimbi ibiya kuthathwa nguGugulethu ngaphandle koThobeka'.

Tyhila ifuthe elidalwe ngala mazwi kulo mdlalo. (3)

15.3    'Lelinye ixesha eli sikulo ngoku'

Le ntetha ibaluleke njani kumxholo walo mdlalo? (3)

15.4    Bonisa inxaxheba kaMaGaba noNozipho kwimpixano ekulo mdlalo. (2)

15.5    Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

## ISICATSHULWA B

<b>UGUGULETHU:</b>	Inganazo, kodwa ke ukuba andiyithandi, zonke ezo nto ngamampunge.
<b>UNYANISO:</b>	Utsho ke umfana zidwesha.
<b>UZWILAKHE:</b>	Utsho, ke nina nithini?
<b>UMTHETHO:</b>	Noko mna bendifuma mawethu; andazi ke nina nokuba nithini na. Xa nditshoyo andinqandi luvo lwenu.
<b>UZWILAKHE:</b>	Noko ke mawethu xa kunje ndingxamele ukuba liyilo. Ndingxamele ukuba liyilo xa inguwe kanye mfo kabawo Mthetho lo uvumela into elolu hlobo, usithi umfana makazibonele umfazi akholwe nguye, ibe izolo oku bekutshata umfana wakho, umfana wakho oyibonelwe nguwe intombi. Kutheni na nto zakuthi ngathi nifuna ukuwona nje lo mzi kaBhungane? Lisiko enakha naliva phi elo apha emaHlubini, eli lokuba umfana azibonele umfazi ooyise bekho bengafanga? Ooyise balo mfana baye phi? Batyhaphake amehlo kusini na? Ukuba kunjalo, yekelani kum, ndikho mna andikafi; aye la mehlo am asabona omabini akakabi nkungu. Uza kuxelwelwa ndim intombi amakeze nayo kulo wakowethu umzi, intombi eza kundondla.
<b>UNYANISO:</b>	Utsho ke uyihlo mfana wam, utsho ezindlebeni kuwe akakubhaleli engakubetheli ngcingo, nawe uyamva
<b>UGUGULETHU:</b>	Noko bawo andaphuli siko. Ndincede Mthimkhulu, ndincede Ndlebentle, ndincede Mashwabada ndiyekе ndithathe intombi ethandwa ndim.
<b>UZWILAKHE:</b>	Mfana wam mus' ukuthi akwaphuli siko-utsho ulikroboza. Esi sicelo usenzayo ngoku uthi mandikuncedise saphule isiko lalo mzi wasemaHlubini, into ke leyo endingayingene.

- 15.6 Sizathu sini esibangele ukuba kubekho le ndibano? (2)
- 15.7 ‘...kodwa ke ukuba andiyithandi, zonke ezo nto ngamampunge’  
Tyhila iziphumo zala mazwi kaGugulethu kulo mdlalo. (2)
- 15.8 Nika esona sizathu sokuba uGugulethu angafuni kubonelwa intombi ngokwesi sicatshulwa. (2)
- 15.9 Ungamchaza uthi ngumlinganiswa onjani uZwilakhe? (2)
- 15.10 ‘...Ndincede Mthimkhulu, ndincede Ndlebentle,...’  
Lubonisa ntoni olu lwimi lusetyenziswe nguGugulethu apha? (2)

15.11 Ufunde ntoni kwizenzo neentetho zikaZwilakhe kulo mdlalo? (2)

[25]

### **UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

#### **INDLAL' INAMANYALA- M LAMATI**

Isihloko esithi Indlal'inamanyala sinxulumana njani nomxholo wale drama.

[25]

#### **OKANYE**

### **UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

#### **ISICATSHULWA A**

- |                   |  |
|-------------------|--|
| <b>MAGRAZULA:</b> | Makusetyenzwe ke ngoku Dlezinye. Ishishini likaMagrazula malibuyele emgangathweni walo wangaphambili.  |
| <b>DLEZINYE:</b>  | Thole lesilo, lisisilo ngokwalo! Ndiyakuva mna Nkosi yam. Mna ndisisicaka seNkosi yam esithembekileyo nje, ndiya kwenza loo nto inkosi yam ithi mandenze yona.                         |
| <b>MAGRAZULA:</b> | Nantso ke into efunwa nguMagrazula kwisicaka sakhe: intembeko, ukuzithoba, ukululama nokukhuthala.   |
| <b>DLEZINYE:</b>  | Ndabezitha! Akukho nalunye uphawu endisilelayo ngalo kwezi uzibalayo.  |
| <b>MAGRAZULA:</b> | Phulaphula ke Dlezinye.  |
| <b>DLEZINYE:</b>  | Mhlekazi!  |
| <b>MAGRAZULA:</b> | Kule ntlanganiso ibiseThekwini, sifikelele kwizigqibo zokuba sikhe siziyeke iintloko ezi kuba zisuke zanomjojo omninzi. Siza kukhe sisebenze ngeentsana ngoku.                         |
| <b>DLEZINYE:</b>  | Thole leduna!  |
| <b>MAGRAZULA:</b> | Sifikelele kwezo zigqibo ke kuba sicinga ukuba iintsana ziza kufumaneka lula kuneentloko.  |
| <b>DLEZINYE:</b>  | Umdala Magrazula! Akuyontanga yabantwana!  |
| <b>MAGRAZULA:</b> | Zaye ke iintsana ziya kuthwaleka lula kuneentloko. Kaloku akukho mntu unokukukrokrela xa uzibelekele usana lwakho.   |
| <b>DLEZINYE:</b>  | Ingathi uhlabe ukhangele Mhlekazi.   |
| <b>MAGRAZULA:</b> | Ingakana nje esinayo yile yokuba, kuza kufuneka sisebenzise abafazi, izinto ezingenasibindi ke ezo, kuba kaloku indoda ebeleke usana iya kusuka idule okwebhokhwe emhlophe ehlungwini. |

**DLEZINYE:** Ndifuna nje ukukulungisa kule ndawo yabafazi nezibindi Mhlekazi. Abafazi banezibindi ukufa, nto nje abafuni ukuba iqondwe loo nto.

**MAGRAZULA:** Nto endiyifunayo ke ngoku Dlezinye kukuba uye kundifunela aba bafazi baza kusiphathela ezi ntsana.

(*Baphume*)

17.1 ‘Ishishini lika Magrazula malibuyele emgangathweni walo ...’

Kwenzeke ntoni ukuze uMagrazula athethe ngolu hlobo? (2)

17.2 ‘... ndiya kwenza loo nto iNkosi yam ithi mandenze yona.’

La mazwi kaDlezinye abe nafuthe lini kwizenzo zakhe kulo mdlalo? (3)

17.3 “Abafazi banezibindi ukufa,...”

La mazwi abaluleke njani kumxholo walo mdlalo? (3)

17.4 Bonisa inxaxheba edlalwe ngu Magrazula no Dlezinye kwimpixano ekule drama. (2)

17.5 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

**ISICATSHULWA B**

<b>DLEZINYE:</b>	Ngxatsho ke! Uya kuba sesiya singawothiyo umlilo sona isityebi esi ukuba uthe wenza njengoko ndiza kukuyalela ngako.
<b>MAMQHINEBE:</b>	Ndiya kuyenza yonke into oya kundiyalela yona bawo. Ubuhlwempu asiyonto ungayipha mntwak' anyoko. ( <i>Kungena uMaGatyeni.</i> )
<b>MAGATYENI:</b>	Nkqo nkqo!
<b>MAMQHINEBE:</b>	Yima apho phandle MaGatyeni! Mus' ukungena <i>maan!</i> Ndithe kuwe yima apho phandle!
<b>MAGATYENI:</b>	Awu! Kutheni na namhlanje mfazi, wandimisa phandle? Konakele phi?
<b>MAMQHINEBE:</b>	Akunakuzazi zonke izinto eziqhube ka kule mizi yonke MaGatyeni, njengoko nathi singenakuzazi zonke izinto eziqhube ka phaa kwakho.
<b>MAGATYENI:</b>	Hay' uxakanisekile mpela namhlanje mfazi. Noko ke ndicela uxolo ukuba ndikuhambele ngexesha elibi.
<b>MAMQHINEBE:</b>	Ndixakekile aph' endlwini MaGatyeni. Thetha le nto uyihambeleyo sikhululane.
<b>MAGATYENI:</b>	Hayi Qhinebe bendicela nje nokuba yikomityi yemili-mili. Kunzima kula mzi.
<b>MAMQHINEBE:</b>	Kwowu MaGatyeni! Sowuyenze ntoni la mali ingaka ubuyenza edolophini izolo oku?
<b>MAGATYENI:</b>	Ndihlawule ngayo amatyala mfazi. Kaloku ndibolile ngamatyala.
<b>MAMQHINEBE:</b>	Yim' apha ke ndyeza. Ungenzi enye into ke ngaphandle kwale ndikuxelela yona yokuba yima apha.
<b>MAGATYENI:</b>	Hayi ndivile mfazi. Andinakukhe ndilinge ndizame ukuwaphula umthetho wakho. ( <i>Angene endlwini uMamQhinebe, ashiyeke uMaGatyeni ethetha yedwa.</i> ) Konakele phi na. uMamQhinebe andizange ndimbone eziphethe ngolu hlobo aziphethe ngalo namhlanje. Yintoni le inkulu kangaka bethu ayifihlayo lo mfazi? Ikho ko...

- 17.6 Ibangelwa yintoni le ndibano kaDlezinye noMamQhinebe? (2)
- 17.7 'Ndiya kuyenza yonke into oya kundiylela yona'  
Tyhila ubunzulu bale ntetho kaMamQhinebe. (2)
- 17.8 Asebenze msebenzi mni amagama abukekela akwizibiyeli kulo mdlalo? (2)
- 17.9 Kutheni uMamQhinebe engafuni angene uMaGatyeni? (2)
- 17.10 '(..., *ashiyeke uMaGatyeni ethetha yedwa*)... Yintoni le inkulu kangaka bethu ayifihlayo? Ikho ko...'  
Le meko nale ntetho kaMaGatyeni idiza luphi udidi lwempixano? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 17.11 Ufunde ntoni kwizenzo neentetho zikaMaqhikizana kulo mdlalo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO C:** 25  
**AMANQAKU EWONKE:** 80